## ICANDELO A

## UMBUZO 1

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:-

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).

- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.

- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo-EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).

- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalikrwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.

- Xa umvavanywa esebenzise isiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

1.1 Wayenengxaki yeziyobisi.√ /
Kukuxhatshazwa nguMolemo "JubJub" Maarohanye. √ Kukuxhatshazwa nguyise womntwana wakhe wokuqala.√
Kukuswelekelwa ngutata womntwana wakhe wesibini√/ kukuswelekelwa nguSenzo Meyiwa onguyise wontwana wakhe wesibini.√
Kukungabinayo imali.√/ Kukuphelelwa yimali.√

[Naziphi iimpendulo ezimbini kwezi ziyakwamkeleka.] (2)

1.2 Ushwatyulelwe.√√ (2)

1.3 Nangona kwakumhlupha uye wakwazi ukuphakama azivuthulule.√ (1)

1.4 Angayihoyi. √√ / Angayikhathaleli.√√/ Angayisi so√√/ Angayinanza

[Nayiphi na kwezi] (2)

1.5 Impendulo ixhomekeke kumfundi. Iimpendulo ezinokuza nabafundi.Andinakubahoya ndingaziphilela ubomi bam.√√/ Ndingaya kubo ndibaxelele mabohlukane nokugxekana nam.√√ / Ndingaya kubo ndibaxelele andiyithandi le nto yokugxekana nam.√√ / Ndingohlukana nabo kuba asingabo abahlobo abalungileyo.√√

[Nayiphi impendulo esemxholweni eza nomfundi iyakwamkeleka.] (2)

1.6 Luluvo. Yinto akholelwa kuyo yena uKhumalo. √√/ Yinkolelo yakhe abanye abantu banezinye izinto abakholelwa kuzo.√√

**QAPHELA:**
Umfundi akanikwa inqaku xa engazixhasanga ngokusemxholweni.
Amanqaku amabini uwanikwa xa ethe **luluvo** aze **azixhase** (2)

1.7 Kukuyeka ukuthandana. √/ Kukungathandani. √

[Nayiphi na kwezi] (1)

1.8 Zulu Wedding.√ (1)

1.9 Indima yebhinqa elithanda imali.√/ Ibhinqa elitshata nendoda elicinga sisityebi.√

[Nayiphi na kwezi] (1)

1.10 Yinyani. Zange aye kwi-Auditions abavelisi bafowunela umphathi wakhe. √√ (2)

**QAPHELA:**
Umfundi akanikwa manqaku xa engazixhasanga
Amanqaku amabini anikwa **kuphela** xa ethe **wazixhasa kwimpendulo** yakhe

1.11 Kukucula.√ (1)

1.12 Kukuxhasa abantu bakwazi ukumelana nokuswelekelwa ngamaqabane. √√ (2)

1.13 Impendulo ixhomekeke kumfundi.
Ewe. Baya kuya kuba baza kumntu oyaziyo intlungu yokuswelekelwa liqabane. Kwakubalula ukuthetha naye.√√

Hayi. Zikhona izihlobo zokubaxhasa kwaye akululanga ukukhupha imbilini yakho emntwini ongamaziyo √√

**QAPHELA**:
Xa engazixhasanga akafumani nqaku. (2)

1.14 Usava kabuhlungu. √√/ Kusamphatha kakubi. √√/ Kusamkhathaza √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

1.15 Impendulo ixhomekeke kumfundi. Iimpendulo abanokuza nazo:-
Ubomi bakho buxhomekeke kuwe.√√/ Sukuvumela abantu batshabalalise ubomi bakho. √√/ Sukuvumela ingxaki nemeko ozibona ukuyo ikutshabalalise. √√

[Nayiphi impendulo esemxholweni yomfundi iya kwamkeleka.] (2)

1.16 Amantombazana nenkwenkwe babonisa ngeembasa zabo. √ / Abantwana baphethe iimbasa zabo. √ / Abantwana babonisa ngeembasa zabo√

[Nayiphi na kwezi] (1)

1.17 Bonwabile√/ Bayavuya √ kuba bancumile √ / baphumelele imbasa

**QAPHELA:**
Abafundi bafumana inqaku ngokuxela inkangeleko. Baphinde bafumane elinye inqaku ngokuzixhasa (2)

1.18 Zozibini zithetha ngempumelelo. √√/ Zozibini zithetha ngokugqwesa. √√ (2)
**[5]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Isishwankathelo masikorekishwe ngolu hlobo lulandelayo:

- **Ulwabiwo – lwamanqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzisa amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo naxa becaphule:**

  - 1–5 amanqaku acatshulweyo ngqo: nikezela inqaku **elinye** lolwimi.
  - 6–7amanqaku acatshulweyo ngqo akunikezwa manqaku olwimi.

### QAPHELA

- **Imo**:
  **Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe**.
- **Ubalo – magama**
  - Abavavanyi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama – 5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

| | INGONGOMA ECATSHULWEYO | INGONGOMA EPHAMBILI |
|---|---|---|
| 1. | Eli gama lithi ‘ukuduma’ lithetha ukwaziwa ngabantu abaninzi kwiindawo zonke,ezikude nezikufutshane ngenxa yesizathu esithile. | Intsingiselo yokuduma kukubalasela ngento ethile waziwe yintlaninge yabantu nakwiindawo zonke ezisondeleyo nezikude. |
| 2. | Eli gama lithi ‘udumo’lizalana kakhulu neli lithi ‘umdumo’ kuba kaloku xa into iduma, eso sandi isenzayo sifikelela nasezindlebeni zabakude. | Linxulumana kakhulu neli lomdumo kuba isandi esiphuma kwinto edumayo siviwa ngabantu abathe qelele. |
| 3. | Ukuba nodumo yinto enkulu kakhulu nelangazelelwa ngumntu wonke. . | Yinto ebalulekileyo nenqwenelwa ngabantu ukuba nodumo. |
| 4. | Lidabi elishushu kakhulu eli lokuzamana nodumo. Lidabi elintlantlumbini. Ngelinye ixesha liliwa ngumntu ngamnye esilwela ukuba azifumanele udumo yedwa. Kanti ke ngelinye ixesha liliwa liqela okanye amaqela abantu. | Nguwashiywa nowashiywa ukusebenzela udumo ingangumntu ezizamela, iqela okanye amaqela ezizamela ukubalasela. |
| 5. | Ukugqwesa komntu okanye kweqela kwenza indawo yabo nayo ibalasele.. | Ukugqwesa komntu okanye kweqela kwenza indawo yabo nayo ibalasele. |
| 6 | Kungatshiwo ke ngoko ukuthi umnqweno wabantu wokufumanela indawo yabo udumo, uzala intsebenziswano,ugxothe oozinkcuku, kuba olu dumo luba lubaso elibatsala kunye bonke. | Ngokufutshane ulangazelelo lokufuna ubalaselo lwenza abantu babe banye basebenzisane kwaye bathandane ababinalo ithuba lokubukulana. |
| 7. | Kule mihla abemi beendawo ngeendawo bade babile besoma bezama ukuba iindawo zabo zibe nodumo. | Abahlali beendawo basebenza nzima befuna iindawo zabo zibalasele zaziwe kwiindawo ngeendawo.. |

**UMHLATHI**

Intsingiselo yokuduma kukubalasela ngento ethile waziwe yintlaninge yabantu nakwiindawo zonke ezisondeleyo nezikude. Linxulumana kakhulu neli lomdumo kuba isandi esiphuma kwinto edumayo siviwa ngabantu abathe qelele. Yinto ebalulekileyo nenqwenelwa ngabantu ukuba nodumo. Nguwashiywa nowashiywa ukusebenzela udumo ingangumntu ezizamela iqela okanye amaqela ezizamela ukubalasela. Ukugqwesa komntu okanye kweqela kwenza indawo yabo nayo ibalasele. Ngokufutshane ulangazelelo lokufuna ubalaselo lwenza abantu babe banye basebenzisane kwaye bathandane ababinalo ithuba lokubukulana

Abahlali beendawo basebenza nzima befuna iindawo zabo zibalasele zaziwe kwiindawo ngeendawo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C

### UMBUZO 3

3.1 Ligama lendawo ebhengezwayo. √ (1)

3.2 Ukuphumelela kwakho liphupha lethu. √ (1)

3.3 A√ / Ukubethelela uluvo ungaphenduli. √ (1)

3.4 Uza kuziphumelela zonke izifundo zakho emagqabini. √√ (2)

3.5 Ukubonisa abantwana abahamba kwesi sikolo bayagqwesa. √√ (2)

3.6 Izifundo zebanga lesi-8 ukuya kwele-12. √ (1)

3.7 Kubazali abanabantwana abafuna bagqwese √√/ kubafundi abafuna ukugqwesa. √√

[Nayiphi impendulo esemxholweni eza nomfundi iyakwamkeleka.] (2)

**[10]**

### UMBUZO 4

4.1 Kwigumbi lokufundela√ kukho iincwadi needesika. √/ kukho iidesika nabafundi √/kukho abafundi notitshalakazi. √ (2)

4.2 Udinekile √ Ukhathazekile.√Sibona indlela ahleli ngayo√/ Akabajonganga.√ Isandla sisesidleleni.√ Inkangeleko engentle ebusweni. √ (2)

4.3 Akayithandi kuba uyabanqanda. √√ (2)

4.4 Isilingi. √ (1)

4.5 Ingabonzakalisa. √/ Ingabalimaza. √ (1)

4.6 Impendulo ixhomekeke kumfundi.Hayi. Abanakuphumelela xa bengalawuleki/ bengakwazi ukuziphatha kwigumbi lokufundela. √√

[Nayiphi impendulo esemxholweni eza nomfundi iyakwamkeleka.]

**QAPHELA:**
Umfundi akanikwa amanqaku xa engazixhasanga. (2)

**[10]**

**UMBUZO 5**

| | | |
|---|---|---|
| 5.1 | Sentloko. √ | (1) |
| 5.2 | Oontanga bakhe babe**nga**nqwenel**i** ukuba ngootitshala namanesi. √√ | (2) |
| 5.3 | Ukuthathela √√/ Intatheli √√ | (2) |
| 5.4 | Kulindeleke umfundi anike isivakalisi ebonisa ukuphupha ulele. √√<br>Umzekelo: Izolo ndiphuphe ndiphumelele ilotto. | (2) |
| 5.5 | B √ /Sokwalatha √ | (1) |
| 5.6 | UThabile uthe √ u √ yawatsibela amathuba kwaye loo nto im√sa kumanqanaba aphezulu. Umfundi ufumana inqaku elinye xa esuse iimpawu zocaphulo√<br><br>(Naziphi izinto ezintathu zamkelekile.) | (3) |
| 5.7 | Wazinikela √√/ Waziphosa √√ / Ukuzilahlela nofele √√/ Ukuzilahlela √√<br><br>[Nayiphi impendulo esemxholweni eza nomfundi iyakwamkeleka.] | (2) |
| 5.8 | Wayezimisele esikolweni. √√ | (2) |
| 5.9 | (a) C √ / Isimnini√<br>(b) A √ / Isihlomelo√ | (1)<br>(1) |
| 5.10 | **U**√Thabile ufuna ulutsha luzi**ngce**√ **ngee**√lwimi zalo. | (3) |

**AMANQAKU ECANDELO B (40÷2): 20**
**AMANQAKU EWONKE: 60**